Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2013

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – P3

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ iiyure**

*XHOFA3*

Olu viwo lunamaphepha ama – 6.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Izincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide | (30) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A. Imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

    UBUDE BEEMPENDULO

    - ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-190 – 240 amagama.
    - ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 lamagama [umxholo kuphela]
    - ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60 – 80 amagama [umxholo kuphela]

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240. Sinike isihloko isincoko eso xa kukho imfuneko.

1.1 Imidlalo. **[50]**

1.2 Izinto ezenziwa kwingingqi yam ukukhupha ulutsha kubundlobongela nakwiziyobisi. **[50]**

1.3 Qabu ixhala ide yabe idlule nje lo mini! **[50]**

1.4 Kulungile na ukuba abantu abadala basuswe kwizihlalo zokuphatha? **[50]**

1.5 Xa ndinokuba ngusihlalo wombutho wabafundi. **[50]**

1.6 Liyinene elithi; “Indlovu ayisindwa ngumboko wayo.” **[50]**

1.7 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.




**[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umakazi wakho ophumelele isidanga sobongikazi uvuyisane naye. **[30]**

2.2 **I-OBHITSHWARI**

Nilusapho nishiywe ngutatomkhulu wenu. Bhala i-obhitshuwari katatomkhulu wakho. **[30]**

2.3 **UDLIWANO-NDLEBE**

Uyintatheli kamabonakude, bhala udliwano-ndlebe phakathi kwakho no-Oscar Pistorious.



**[30]**

2.4 **IMIZUZU NE-AJENDA**

Ungunobhala wombutho wabafundi esikolweni sakho. Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso ebeniyibambile. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Bhala umhlathana omfutshane ube mNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60 – 80 ubude. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 **ISIMEMO**

Uza kugqiba iminyaka eli-18, bhala isimemo somhla wetheko lokuzalwa kwakho umeme abahlobo bakho. **[20]**

3.2 **IPOSIKHADI**

Uvotelwe ngabafundi besikolo sakho kunye neetitshala njengomfundi ofanelwe yimbasa yomfundi ogqwesileyo kwizinto zonke ezenziwa kwisikolo sakho. Bhalela umhlobo wakho ophesheya iPosikhadi umxelele ngale nyhweba ethe yakwehlela. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Abafundi bebanga le-11 baza kubhala iimviwo zokuphela konyaka, babhalele imiyalelo yoviwo. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**